Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2020

HISTORY P2

MARKS: **150**

TIME: **3 hours**

Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali-9
kunye ne addendum enamaphepha ali-14.

IMIYALELO NEENKCUKACHA

1. Eli phepha lemibuzo lineCANDELO A neCANDELO B ngokusekelwe kwisikhokelo esimiselwe yiCAPS.

   ICANDELO A: IMIBUZO ENGEZICATSHULWA (IISOSI)

   UMBUZO 1: UQHANKQALAZO LOLUNTU, 1970s UKUYA 1980s: EMZANTSI AFRIKA

   UMBUZO 2: UKUFIKA KWEDEMOKHRASI EMZANTSI AFRIKA NOKWAMKELA OKWADLULAYO

   UMBUZO 3: UKUPHELA KWEMFAZWE I-COLD WAR NEMITHETHO EMITSHA YELIZWE, 1989 UKUZA KUTHI GA KWIXA ELIMIYO

   ICANDELO B: IMIBUZO EMIDE

   UMBUZO 4: UQHANKQALAZO LOLUNTU, 1970s UKUYA 1980s: EMZANTSI AFRIKA: INTLEKELE YENGCINEZELO NGOKOBUHLANGA KWIMINYAKA YOWE1980s

   UMBUZO 5: UKUFIKA KWEDEMOKHRASI EMZANTSI AFRIKA NOKWAMKELA OKWADLULAYO: UKUHLALISWA KOLUNTU NGOTHETHWANO NE-GNU

   UMBUZO 6: UKUPHELA KWEMFAZWE I-COLD WAR NEMITHETHO YEHLABATHI EMITSHA: IZEHLO ZOWE1989

2. ICANDELO A linemibuzo engezicatshulwa (iisosi) EMITHATHU. Imathiriyeli edingekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka ikwiSIHLOMELO.

3. ICANDELO B linemibuzo emide EMITHATHU.

4. Phendula imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo:

   4.1 Ubuncinane phendula ube MNYE kwizicatshulwa (iisosi) noMNYE kwimibuzo emide.

   4.2 Umbuzo WESITHATHU usenokuba kwizicatshulwa (iisosi) okanye kwimibuzo emide.

5. Kucetyiswa ukuba uchithe iyure ibe NYE ubuncinane kumbuzo ngamnye.

6. Xa uphendula imibuzo sebenzisa ingqiqo, izakhono nolwazi okanye uluvo.

7. Uya kubekwa ebandezini (disadvantaged) ngokukhuphela iisosi njengeempedulo zakho.

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokohlobo ekunonjolwe ngalo kweli phepha lemibuzo.

9. Bhala cocekileyo nangokulandelekayo.

Copyright reserved

ICANDELO A: IMIBUZO ENGEZICATSHULWA (IISOSI)

Phendula ubuncinane ube MNYE, kodwa ungadluli kwemiBINI, kweli candelo. Imathiriyeli edingekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

UMBUZO 1: YALUPHEMBELELA NJANI ULUTSHA LOMZANTSI AFRIKA IFILOSOFI YE-BLACK CONSCIOUSNESS KWIMINYAKA YOWE1970s?

Phicotha uSosi 1A, 1B, 1C no-1D ze uphendule le mibuzo ilandelayo.

1.1 Jonga kuSosi 1A.

1.1.1 Nika inkcaza yegama elithi *Black Consciousness* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

1.1.2 Phawula ukuba wayethetha ukuthini uBiko kumyalezo wakhe: *'Sukuba yinxalenye yokucinezelwa kwakho'*. (2 x 2) (4)

1.1.3 Ngokwale sosi, kutheni lwalubalulekile ungenelelo lweBlack Consciousness? (1 x 2) (2)

1.1.4 Zibaluleke njani iinkcukacha ezikule sosi kwingcali yezembali ephanda ngokubaluleka kokusungulwa kweBCM? (2 x 2) (4)

1.1.5 Ngokwale sosi, iBlack Consciousness Movement (BCM) yabethelela mfundiso ni kwabantsu boMzantsi Afrika? (4 x 1) (4)

1.2 Funda kuSosi 1B.

1.2.1 Chaza iimbono eziMBINI zeBCM ezaguqula indlela yokucinga kaVeli Mbele? (2 x 1) (2)

1.2.2 Phawula ukuba ingaba wayezama ukuthini uVeli xa wayesithi: 'ngelo xesha imeko yayingentlanga ncam ngakwiBCM'. (1 x 2) (2)

1.2.3 Ngokwale sosi, ngekwakwenzeke ntoni kuVeli namahlakani akhe ukuba babengazange baziguqule iinkolelo zepolitiki zabo? (2 x 1) (2)

Copyright reserved

1.3 Jonga kuSosi 1C.

1.3.1 Ngokwale sosi, kwakutheni ukuze urhulumente abathathe njengabayingozi abafundi? (1 x 2) (2)

1.3.2 Kutheni ucinga ukuba abafundi abantsundu babephambili kumzabalazo ngowe1976? (2 x 2) (4)

1.3.3 Chaza, kwakutheni ukuze uBiko athethe okokuqala kwiminyaka emithathu. (1 x 2) (2)

1.3.4 Kutheni ucinga ukuba urhulumente woMzantsi Afrika akazange afune ukumamela? (1 x 2) (2)

1.4 Jonga kuSosi 1D.

1.4.1 Lithetha ukuthini ngoBiko ibinzana elithi 'Ndibhala oko ndithanda ukukubhala?' (2 x 2) (4)

1.4.2 Chaza lithetha ukuthini 'inqindi elingqindilili esifubeni sikaBiko.' (1 x 2) (2)

1.5 Thelekisa uSosi 1A no1D. Chaza ukuba iinkcukacha ezikuSosi 1A zifana njani nobungqina obukuSosi 1D ngefuthe lefilosofi yeBlack Consciousness kwabantsundu boMzantsi Afrika. (2 x 2) (4)

1.6 Sebenzisa iinkcukacha ezikwiisosi ezifanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemiqolo eSIBHOZO (malunga namagama 80) uchaze ukuba ifilosofi yeBlack Consciousness yaluphembelela njani ulutsha loMzantsi Afrika kwiminyaka yowe1970's. (8)

[50]

Copyright reserved

UMBUZO 2: IKOMISHINI YENYANI NOXOLELANISO (TRC) YAWUSINGATHA NGEMPUMELELO NJANI UMBA WOKUGETYENGWA KUKA-BIEHL?

Phicotha uSosi 2A, 2B, 2C no2D ukuphendula le mibuzo ilandelayo.

2.1 Jonga kuSosi 2A.

2.1.1 Ngokwale sosi, yayizintoni iinjongo zeTRC? (2 x 1) (2)

2.1.2 Sebenzisa iinkcukacha ezikwisosi nolwazi lwakho, chaza kutheni ingcinezelo ngokobuhlanga yayithathwa ngokuba lulwaphulomthetho lokunyhashwa kwalungelo obuntu. (1 x 2) (2)

2.1.3 Nika inkcaza yegama elithi *uxolelo* kwimeko yeTRC. (1 x 2) (2)

2.1.4 Phawula kutheni ungazibona zibalulekile iinkcukacha ezikule sosi xa uphanda ngendima yeTRC. (2 x 2) (4)

2.1.5 Chonga iikomiti eziNTATHU ezazisenza umsebenzi weTRC. (3 x 1) (3)

2.2 Jonga kuSosi 2B.

2.2.1 Ngokwale sosi, kwakutheni ukuze uAmy agetyengwe? (2 x 1) (2)

2.2.2 Zinkcukacha zini ezafunyanwa ngabazali bakaAmy ngokugetyengwa kwentombi yabo? (2 x 1) (2)

2.2.3 Kutheni ucinga ukuba iANC yancedisa ekufumaneni ababulali bakaAmy? (2 x 2) (4)

2.2.4 Ucinga ukuba iPAC yayithetha ukuthini ngeslogeni esithi: “One settler, one bullet”. (2 x 2) (4)

2.3 Funda kuSosi 2C.

2.3.1 Nika amagama aMATHATHU olutsha olwafunyanwa lunetyala lokubulala uAmy Biehl. (3 x 1) (3)

2.3.2 Phawula ngezizathu ezaba ngunobangela wokuba ababulali baxolise kubazali bakaAmy. (2 x 2) (4)

2.3.3 Caphula ubungqina kwisosi obubonisa ukuba uPeni wazidanela izenzo zakhe. (1 x 2) (2)

Copyright reserved

2.4 Sebenzisa uSosi 2D.

2.4.1 Le foto idlulisa myalezo mni ngokusingise kwiinjongo zeTRC? (1 x 2) (2)

2.4.2 Kutheni ucinga ukuba la madoda ayevele phambi kweKomiti yoXolelaniso. (1 x 2) (2)

2.5 Thelekisa uSosi 2C no2D. Chaza ukuba iinkcukacha ezikuSosi 2C zibuxhasa njani ubungqina obukuSosi 2D malunga nokugetyengwa kukaAmy Biehl. (2 x 2) (4)

2.6 Sebenzisa iinkcukacha ezikwiisosi ezifanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemiqolo eSIBHOZO (malunga namagama 80) uchaze ukuba yawusingatha ngempumelelo njani umba wokugetyengwa kukaAmy Biehl iKomishini yeNyani noXolelaniso (TRC). (8)

[50]

UMBUZO 3: YABA NAFUTHE LINI I-MULTI-NATIONAL CORPORATIONS (MNC'S) KWIINKCUBEKO ZEHLABATHI KWIMINYAKA YOWE1990's?

Phicotha uSosi 3A, 3B, 3C no3D ukuphendula le mibuzo ilandelayo.

3.1 Funda kuSosi 3A.

3.1.1 Nika inkcaza yegama *uglobhalizeyishini* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

3.1.2 Ngokwale sosi, iqhutywa njani inkqubo yeglobhalizeyishini? (2 x 1) (2)

3.1.3 Caphula isivakalisi kwisosi esibonisa ukuba iglobhalizeyishini yayingeyonto intsha. (1 x 2) (2)

3.1.4 Chaza wayethetha ukuthini uThomas Friedman xa wayesithi iglobhalizeyishini, "iyakhawuleza, itshiphu kwaye inzulu". (2 x 2) (4)

3.2 Jonga kuSosi 3B.

3.2.1 Ziinkcubeko zawaphi amazwe ezilinganiswa ngamazwe asaphuhlayo? (2 x 1) (2)

3.2.2 Nika amagama ezixhobo eziBINI zeglobhalizeyishini ezenza ube nako ukubona okwenzeka nakweliphi na ilizwe. (2 x 1) (2)

3.2.3 Phawula ngendlela iglobhalizeyishini ezichaphazele ngokulungileyo ngayo iinkcubako ehlabathini jikelele. (2 x 2) (4)

3.2.4 Chaza ngokuthembeka kwale sosi kwingcali yezembali ephanda ngefuthe leglobhalizeyishini kwiinkcubeko zamazwe asaphuhlayo. (2 x 2) (4)

3.3 Jonga kuSosi 3C.

3.3.1 Ngokwale sosi, zaveliswa njani iimveliso zeNike? (2 x 1) (2)

3.3.2 Nika amagama ezixeko ezibini ekwabanjwa uqhankqalazo kuzo. (2 x 1) (2)

3.3.3 Sebenzisa iinkcukacha ezikwisosi nolwazi lwakho ukucacisa kwakutheni ukuze iqhankqalazelwe inkampani yakwaNike. (2 x 2) (4)

Copyright reserved

3.4 Jonga kuSosi 3D.

3.4.1 Myalezo mni odluliswa kule powusta malunga nookopolotyeni? (2 x 2) (4)

3.4.2 Phawula malunga nokuba ingaba zazifanelekile kusini na izigxeko ngakwiMulti-National Corporations. (2 x 2) (4)

3.5 Jonga kuSosi 3C no3D. Chaza ukuba iinkcukacha ezikuSosi 3C zibuxhasa njani ubungqina obukuSosi 3D malunga nezizathu zokuqhankqalazelwa kweMulti-National Corporations. (2 x 2) (4)

3.6 Sebenzisa iinkcukacha ezikwiisosi ezifanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemiqolo eSIBHOZO (malunga namagama 80) uchaze ngefuthe eyabanalo iMulti-National Corporations kwinkcubeko yehlabathi (global culture). (8)

[50]

ICANDELO B: IMIBUZO EMIDE

Phendula ubuncinane umbuzo oMNYE, kodwa ingadluli kwemiBINI kweli candelo.

Impendulo yakho kufuneka ibe malunga namaphepha amaTHATHU ubude.

UMBUZO 4: UQHANKQALAZO LOLUNTU, 1970s UKUYA 1980s: EMZANTSI AFRIKA: INTLEKELE YENGCINEZELO NGOKOBUHLANGA KWIMINYAKA YOWE 1980s

Chaza lwabanegalelo elingakanani uqhankqalazo, ukwayo, izithintelo zamazwe nokurhoxiswa kotyalomali yimibutho yamazwe ngamazwe ewayechasene nengcinezelo ngokobuhlanga ekuwiseni umbuso wengcinezelo ngokobuhlanga kwiminyaka yowe 1980's.

Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngokusebenzisa ubungqina obufanelekileyo. **[50]**

UMBUZO 5: UKUFIKA KWEDEMOKHRASI EMZANTSI AFRIKA NOKWAMKELA OKWADLULAYO

'Indlela yoMzantsi Afrika eya kwidemolkhrasi yachatshazelwa yimingeni eyahlukileyo, ziingxaki nayimiqobo eyayikho. Yaba ngumoya wentumakalelo kwiingxoxo, ukuba nomqolo kweenkokeli nokuzinikela kwidemokhrasi okwathi ekugqibeleni kwakhokelela ekuzalweni kwedemokhrasi ngowe1994.'

Yenza isigxekoncomo uxoxe banzi ngale nkcaza. Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngobungqina obufanelekileyo. **[50]**

UMBUZO 6: UKUPHELA KWEMFAZWE I-COLD WAR NEMITHETHO EMITSHA YEHLABATHI (NEW WORLD ORDER): IZEHLO ZOWE 1989

'Yaba kukuwa kweSoviet Union ngowe1989 okwaba negalelo elikhulu ekudalekeni kweenguqu kwipolitiki yoMzantsi Afrika.

Ingaba uyavumelana nale nkcaza? Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngobungqina obufanelekileyo.

[50]

TOTAL: 150

Copyright reserved